



The Office Of The Principal and Vice - Chancellor

**NJINGALWAZI MANDLA MAKHANYA, INQUNUNU NOSEKELA
NGQONYELA**

**KWIYUNIVESITHI YOMZANTSI
AFRIKA**

ISIGABA SOKWAMKELA SOKU-1: INTLANGANO NONDULULO

NCWADI - Iyunivesithi yoMzantsi Afrika Neeyunivesithi

Ezikwinguqu zoMzantsi Afrika: Ukwenziwa kweYunivesithi

yeAfrika: Kwixesha Elidluleyo, Elangoku Nelizayo

eSenate Hall, Kwikhampasi iUnisa eMuckleneuk

7 EyoMsintsi 2018

- Umbhexeshi wesicwangciso senkqubo, Gqirha Somadoda Fikeni, Umbhexeshi Weeprojekthi Ezikhethekileyo noMcebisi Wenqununu noSekela Ngqonyela
- UNjingalwazi R Viljoen, uSihlalo weSebe LezeeMbalu Nenkokheli Yeprojekthi
- UNjingalwazi A Manson, umbhali wale ncwadi
- Amalungu eSigqeba Esilawulayo Nesolawulo Olongezelelweyo

eUnisa

- Bonke abathatha inxaxheba kusasa nje:
 - Njingalwazi Z Motsa, Umbhexeshi weCandelo Elilawula Ubungcali Benguqu (*iScholarship in the Change Management Unit*)
 - Njingalwazi Msila, Umbhexeshi weCandelo Elilawula Inguqu (*iChange Management Unit*)
- UMongameli weNSRC: Nks. Z Sodladla
- UMongameli Weendibano Ezinkulu Zeziko: Mnu. S Mhlungu
- USihlalo weNEHAWU: Mnu. L Hontoti
- USihlalo weAPSA: Mnu. JJ Jonker
- USihlalo weQonga Lababhinqileyo eUnisa: uGqirha S Kumalo
- UMongameli weQonga Lemicimbi yabaNtsundu: Njingalwazi H Mogashoa
- Abasebenzi baseUnisa nabafundi bethu
- kwakunye nekwayara yethu yaseUnisa

Namkelekile ngezandla ezishushu nonke ngale mini intle kangaka yeNtlakohlaza. Yonke indalo ibonakalisa iimpawu zokuhlaziyeka, kwaye, lo gama silinde ukudubula kweentyatyambo ijacaranda

ezintle kunene ekupheleni kwale nyanga naphakathi kweyeDwarha, ndithe makhe ndabelane nani ngezinto ezinomdla, ndihlomle apha naphaya.

Imithi ye*jacaranda* inembali enomdla kakhulu eMzantsi Afrika. Le yimithi eyayikhula eMzantsi Merika kwaye imbali yayo apha eMzantsi Afrika ingalandwa ukususela kunyaka we-1880, xa le mithi yalandwa eArgentina, kamva yalandwa eBrazil. Phambi kokufunyaniswa kwegolide kummandla weRhawuti, iWitwatersrand nowe-1886, kwakusekukho abalimi abaliqela abeza neembewu eKoloni, balima imithi yemioki, yeenqoba kunye nezi *jacaranda* zethu. Kuthiwa umrhwebi wemithi uWilliam Nelson, owayeneshishini elaziwa ngokuba yi*Nelsonia Nurseries*, watyala imithi ekwisithuba seekhilomitha ezili-106 eyayiphahle izitrato zedolophana entsha, iKensington (eRhawutini) Lo msebenzi wathatha isithuba seenyanga ezintandathu, ingumsebenzi oncomeka kakhulu lowo. Kukwakholelwa ukuba kwiminyanga ye-1880s kwatyalwa imithi emibini ye*jacaranda* esitiyeni somzi i*Myrtle Lodge*, kule ndawo kumi kuyo isikolo i*Sunnyside School* eArcadia. Kukho icwecwe lodonga elisisikhumbuzo sesi siganeko.

Ngoko ke ndicinga ukuba singatsho ukuthi ne*jacaranda* zenza ukuba sibe lithânga lazo (colonised)! – ngaphezu koko, eGroenkloof kukho phantse nekhulu lemithi ye*jacaranda* ezimhlophe, ezaziswa

ngummi wasePitoli. Mandime apho.

Ngoko ke singazicingela ukuba *ijacaranda* zinexesha elimalunga neminyaka eli-138 zikho, kwaye ukuba sicinga ukuba lide elo xesha, maze singalibali ukuba iUnisa inexesha elimalunga ne-145 leminyaka ikho. Sibhiyozela loo nto sithetha nje! Ewe, iUnisa idlula *neejacaranda* zodumo zaseGauteng. Njengokuba *ijacaranda* zinembali edala umdla nje – njengokuba zishiye uphawu olungacimiyo kumhlaba waseGauteng nowoMzantsi Afrika, neUnisa yenze njalo – kodwa ndithi mna olwethu *uphawu lolwemfundo* kwaye lube nefuthe elingaphezulu lee kwaye linegalelo elinentsingiselo kuphuhliso lwelizwe lethu.

Ukuba eli futhe libaluleke kangakanani na, ukuba ibali nembali yeUnisa zityhileke njani kule minyaka ili-145 idluleyo ngumxholo ovusa umdla omkhulu – ngoku nangaphezu kokuba kwakunjalo ngaphambili. Ikhona imibhalo eyibalisileyo imbali yethu, kodwa iimeko ezigqubayo ngoku ziqinisekise ukuba mayingeniswe komnye umhlaba. IUnisa ingaphezulu lee kunaloo nto. Imbali yethu kule minyaka isemva kwencwadi kaBoucher (1973) ayikhange ifumane ubulungisa ebufaneleyo. Ekubeni iUnisa yayifudula iliziko elaliyinxalenye yorhulumente wocalucalulo ukususela ngowe-1948 ukuya kutsho ekuqaleni kweminyaka ye-1990, kungoku nje iUnisa izilungisile, yajika yaba yiyunivesithi ebonakalisa nexhasa ubume

neempawu zoluntu olulawulwa ngokwentando yesininzi. IUnisa yasemva kwentando yesininzi iguquke kakhulu ngokubhekiselele kwicebo lokusebenza, indima eyidlalayo neempawu zayo esizweni nakwihlabathi lilonke, iinkokheli nolawulo lwamanani neendidi ezahlukeneyo zabasebenzi nabafundi. Libali elifuna ukubaliswa kwaye kufuneka libaliswe ngoku.

Imbali yeUnisa inezahluko ezininzi kwaye ndiyazi ukuba ngenye imini apha ngaphambili, njengokuba iyunivesithi iqhubeka nokuguquguquka, kuza kubakho olunye undululo lwencwadi ecacisa esinye isahluko, ngakumbi esiza kubalisa ngendima yeenkokheli zabafundi nemibutho yabasebenzi kuphuhliso lwethu. Okwangoku masibhiyozele ukugqitywa kwale projekthi ibaluleke kangaka kweli ziko nokundululwa ngokusesikweni kwalo mqulu.

Boogxa bam bomsebenzi, ndiyavuya ukuba yinxalenye yokundululwa kwale ncwadi neyeengxoxo eziza kubakho apha ebudeni bemini. Ndivuyisana nabo bonke ababandakanyekayo ekuvelisweni kwayo, ukususela kubaphathi projekthi ukuya kumbhali, abalungisi beempazamo zopelo nokubhala ukuya kutsho kubashicileli.

Esi sigaba sale ntsasa siphawula icandelo lokuqala lesicwangciso senkqubo yethu kumxholo othi “ukwenziwa kweyunivesithi

yemfundo yabafunda bekude”. Kamva namhlanje siza kungena kwisigaba sesibini nesigxininise kulo mxholo *“Iyunivesithi zoMzantsi Afrika Kwinguqu: ngoku nakwixesha elizayo”*. Ndiyanikhuthaza ukuba nibekho kuyo yonke inkqubo, ningahambi.

Ndiyanimela ukuba nikhulule iibhatyi, nikhululeke, nonwabele ukutya kweendlebe kwezembali, nonwabele nengxoxo ezayo.

Ndiyabulela